UMZIMVUBU LOCAL MUNICIPALITY

UPHUHLISO KUMNTU WONKE

LEAVE NO ONE BEHIND

# UMZIMVUBU NEWS

JULY-SEPTMBER 2023 NEWS EDITION | UPHUHLISO KUMNTU WONKE

# Kubanjwe uhambo I 'Big Walk' eCabazana ukubhiyozela inyanga yamanina

By Sivuyile Rosho







Ngomhla weshumi elinanye kwinyanga yeThupha kulo nyaka umiyo, uceba wakwa ward 26 EmaXesibeni u Monwabisi Tuku uthe wakhokhela inkqubo yokubhiyozela inyanga yamanina EmaXesibeni.
Olusuku luqale ngohambo i'Big walk' egameni lokuhlukunyezwa kwamanina nokunyhashwa kwamalungelo abo. Ibe ngumgama ongu 5km ukuqalela kwi lali iPhuka ukuyakutsho eCabazana kwibala Izwelijikile. Phakathi kwabantu ebebezimase lomsitho ibingu sodolophu woMasipala Umzimvubu uZukiswa Ndevu, isebe LeZemidlalo, eleZempilo kunye nesebe LeZendlela. Ibiluvuyo nemincili kuluntu lwale wadi njengoko beluzinikele lubonakalisa ukuyithakazelela lemini, kudlalwa imidlalo yasebaleni kunye neyeqonga efundisayo. Injongo yoluhambo kunye nalemidlalo kukuba umntu afunde ukuyigqiba into athe wayiqala.
USodolophu ubhekise amazwi enkuthazo ku Ceba ngokwenza lenkqubo esithi, "yanga kungabanjwa iinkqubo ezifana nale kuMzimvubu wonke. USodolophu uqhube wathi "nakubeni iyinyanga yamanina kodwa abantu abangamadoda nabo mabangahlukunyezwa egameni lokokuba inyanga le iyeyamanina". Uqukumbele ngokukhuza umkhuba wabantwana abahlukumeza abazali ngokungalawuleki. Ukanti uCeba uMonwabisi Tuku uthe enye yeenjongo zolusuku kukukhuthaza abasetyhini kwezemidlalo, nokunqanda ukubekwa amabala koomama, abathanda ezemidlalo ingakumbi oomama basemaphandleni.

# Sivulwe ngokusesikweni isikolo iNtsizwa esikwi dolophu yase-Maxesibeni

Ngu Inga Nzuzo








Ngomhla wesibhozo kwinyanga yeThupha kulo nyaka umiyo, iSebe Lezemisebenzi yoluntu neziseko ezingundoqo kwakunye nesebe Lezemfundo, lithe labamba umsitho wokuvulwa ngokusesikweni kwesikolo iNtsizwa Senior Secondary School kwaWard 08 Emaxesibeni. Isebe Lezemisebenzi Yoluntu Neziseko Ezingundoqo lithe lasebenzisana nesebe Lezemfundo kulwakhiwo lwesisikolo nesithe saxabisa imali engaphaya kwezigidi ezingamashumi amahlanu (R52.1 Million).

Ukanti umphatiswa wemisebenzi yoluntu neziseko ezingundoqo uNtombovuyo Nkopane ngexesha ebenika ingxelo ngalomsebenzi uthe "imiceli mingeni ngelithuba kusenziwa esisikolo ibikhona, kodwa xa kungoku siyavuya silisebe xa siwubona lomsebenzi omhle kangaka, yaye sivuyiswa ngakumbi nangamathuba emisebenzi athe avela exhamlisa abantu bale ward nangokuzimisela kwabo ngexesha kuqhutywa lomsebenzi.

Umphathiswa wezemfundo uMnu Fundile Gade ubongoze abafundi besisikolo ukuba baqhubeke bazimisele kwizifundo zabo bapase emagqabini nanjengoko esisikolo ibisesona besiphume emagqabini nakulonyaka uphelileyo kwiziphumo zebanga leshumi kwiphondo laseMpumakoloni, esithi yanga bangaqhubeka bawubambe lomgangatho. Lo ka Gade uqhubeke wathi abafundi baze basiphathe kakuhle esisikolo babonise umzekelo nakwabo abasezakusisebenzisa. Uqukumbele ngelithi "urhulumente womZantsi Afrika ukwiphulo lokutshintsha uhlobo lwezakhiwo lwezikolo zasemaphandleni kwiMpuma Koloni iphela".

## Bafumane iinkonzo zonyango zasimahla abahlali base Cancele

Ngu Sivuyile Rosho







Ngomhla wamashumi amabini anesihlanu (25) kwinyanga yeKhala kulo umiyo unyaka, isebe lezeMpilo lithe latyelela ilali yase Cancele kwa Ward 23 apho bethe bazisa iinkonzo ebantwini ukuxhasa imizuzu engama-67 ye Mandela Day. Oogqirha bezigulo ezohlukeneyo bebekhona ukunceda abo badinga unyango ekuquka kubo oogqirha bamazinyo, abeendlebe ukanti bekuyakwahlolwa nezifo ezifana nesifo somhlaza, ingculaza kunye nesifo sephepha kuyakwanikezelwa ngamachiza.

Uceba wale-ward uZukiswa Mampemvini ubalule wathi bayavuya kakhulu ngokuba isebe lezempilo lizise iinkonzo eziloluhlobo ebantwini simahla, kuba baye basokole kakhulu abantu basezilalini xa kufuneka baye kumaziko ezempilo.

Lo kaMampemvini uqhubeke wakhuthaza abantu bale Ward kunye nabeWard engummelwane uWard 22 nabo ebebekwayinxalenye kolusuku ukuba bayikhathalele impilo yabo ngokuthi bawandwendwele lamaziko ukuzigcina besempilweni.

Ongumhlali kwaWard 23 utata uJohn Kobe oneminyaka engamashumi asixhenxe anesixhenxe (77) udlulise amazwi ombulelo kurhulumente ngokuthi abasondezele isebe lezempilo ngolusuku kuba naye uncedakele yaye wawafumana namachiza, etsho esithi inga angaqhubeka nalomsebenzi umhle kangaka ngoba uninzi lwabantu balendawo badala ntoleyo ethi yenze kubenzima ukuya kumaziko ezempilo ukuya kufumana unyango nokuya kuthatha amachiza.

Lo ka Kobe uthe uziva echulumancile kakhulu ngokubona nabanye abantu abangotata bephume ngobuninzi ukuza kwezinkonzo zonyango kuba kaloku ngabona abadume njengabantu abangathandiyo ukuya kulamaziko watsho ebakhuthaza ukuba bayikhathalele impilo yabo.

# Umasipala Umzimvubu uchithe I '67 minutes' yeMandela Day esenza okuhle kwilali yasePhepheni

**Ngu Sivuyile Rosho**








Xa kanye ilizwe lomzantsi Afrika liphela beliqukumbela inyanga yokubhiyozela ukuzalwa kukatata uNelson Mandela, uSodolophu woMasipala Umzimvubu uZukiswa Ndevu, isigqeba esikhokheleyo soo ceba kwakunye nabasebenzi balomasipala bachithe imizuzu engamashumi amathandathu anesixhenxe '67 minutes' kwisikolo samabanga aphantsi iMjikweni Primary EmaXesibeni.

Esisikolo sesinye sezikolo esithande ukuba nenani eliphakamileyo labantwana abahlukumezekileyo nabangathathintweni. Ibiyimincili kubantwana nakubazali ngethuba kudlalwa imidlalo eyahlukeneyo equka kuyo ukupeyintwa kobuso, bekwaphiwa nezipho njengendlela yokubonisa uthando kunye nokubakhathalela. Ukanti amasebe karhulumente aquka kuwo isebe laMapolisa kunye nesebe leZempilo ebekhona kulomsitho bezokunikeza inkxaso kwaneenkonzo zawo kuluntu lwalo mmandla, bebaxhobisa, bebanika ulwazi kunye neengcebiso.

USodolophu ukhuze umkhuba wokuhlukunyezwa kwabantwana noku nyhashwa kwamalungelo abo, esithi abantwana mabanikwe uthando bakhuliswe ngendlela eyiyo. Ukhuthaze nabantwana ukuba bathethe phandle xa kukho abantu abahlukumezayo. Ugxininise kubazali ebayala ukuba babathande abantwana yaye babahoye baqinisekise ukuba basoloko bekhuselekile kuba kaloku bangumqolo wesizwe. Lo kaNdevu uqhube wathi ukwenza okuhle kwabanye abantu yinto ekumele yenziwa mihla le ngaphandle kokuba kubhiyozelwa usuku lweMandela.

Inqununu yesisikolo Mnu Mokoena ubulele igxathu elithatyathwe nguMasipala ngalenkqubo esithi "le yinto enqabileyo ibingathanga qatha ezingqondweni, sinombulelo ongazenzisiyo kuSodolophu nabasebenzi balomasipala sithi enkosi nangamso". Ukanti ngamakhaya ahlelelekileyo amabini akulengingqi athe ancediswa ngokutya, iingubo kwakunye noo matrasi bokulala. Lo kaMokoena ubalule uninzi lwabantwana besisikolo njengabantwana abahlelekileyo etsho esithi abanye babo abanabazali abanye abahoywanga, yaye abanye bayahlukunyezwa emakhaya.

# Bathiwe jize ngezixhobo zokusebenza oosomashishini abasakhasayo

**Ngu Inga Nzuzo**








Ngomhla wamashumi amabini anesithandathu kwinyanga yeKhala kulo nyaka umiyo, Umasipala wasekuhlaleni Umzimvubu uthe wanikezela ngezixhobo zokusebenza koosomashishini abasakhasayo kwakunye nabarhwebi 'hawkers' eSophia Park KwaBhaca. Oku kuza emveni kokuqaphela ukuba uninzi loosomashishini balapha zininzi izidingo abajongene nazo nekumele ukuba uMasipala angenelele kuzo ukuze abasomashishini bakhule.

Yimali engange R800 000 ethe yabekelwa bucala ukuncedisa ukuthenga ezizixhobo zonke ebezikulendibano. Ngoo somashishini abalishumi elinesine (14) abathiwe jize ngezixhobo ezikuquka kuzo oomatshini bokuthunga, abanye bafumana izitovu zokupheka, amalaphu okuthunga kunye nomatshini bokushicilela (printers). Ukanti ngabarhwebi abangamashumi amahlanu (50) abathe bancediswa ngeetafile, izitulo kwakunye nee 'umbrella' khonukuze bakwazi ukuba neendawo zokufihla intloko xabethengisa. Le yinkqubo yaminyaka le ukuzama ukukhuthaza oosomashishini abasakhasayo ukuba bangapheli mandla bakhule nabo baziwe njengoosomashishini abaphume izandla.

Xa ebethetha kulendibano uSodolopu uCeba Zukiswa Ndevu uthe "Ndiyavuya ukubona ukuba phakathi kwabo bachongiweyo apha kukho noosomashishini abalulutsha balendawo. Sithanda ukubakhuthaza ukuba bangapheli mandla bazame ukuzimela khona ukuze konyuke uqoqosho nezezimali kweliphondo". uSodoluphu ubuye wakhuthaza nangendlela yokuziphatha ezizixhobo khona ukuze zizise utshintsho kwimpilo zabo.

# Akawuvali umlomo amafama ngesivuno abasifumeneyo bencediswa ngumasipala

**Ngu Sivuyile Rosho**







Ngomhla wamashumi amabini anethoba (29) kweyeSilimela kulonyaka umiyo, umasipala Umzimvubu ubuthe bhazalala undwendwela amafama athe wawancedisa wawalimela umbona. Olutyelelo beluqhutywa ngamagosa ezolimo kulomasipala kujoliswe kuhlolo lwesimo kwisivuno kwakunye noqikelelo lwengeniso yamafama anokuthi ayizuze ngombona wabo.

Umasipala UMzimvubu uneenkqubo ezimbini zokuncedisa amafama ukulima umbona: eyokuqala ngu10 hectare kwiwadi nganye apho amafama ewadi athi ahlulelane ngaye ukugxotha ikati eziko, engajonganga nzuzo. Eyesibini ngu5 hectare athi umasipala ancedise ngaye amafama asakhasayo ajonge ingeniso ngokuthi azithengisele isivuno kwimalike. Namhlanje zintathu iiprojekthi ezithe zandwendwelwa; kuseTyeni, eMpungutyana naseMxhinweni apha KwaBhaca.

Onguceba wakwa ward 12 eTyeni uPhezisa Magujulwa uyincomile indlela asebenzisana ngayo amafama alewadi etsho esithi sukela umasipala Umzimvubu wabalimela zange wake weva sikhalazo yaye nesivuno sabo esihle bayakwazi ukusithengisa ntoleyo ithi incedise ukugxotha ikati eziko, uyakwancome nokubona ulutsha lukhona luyinxalenye ekulimeni. Lo kaMagujulwa uwayalile lamafama ukuba aqhubeke nokulima nanjengoko elilizwe linezinga eliphezulu lentswelangqesho.

UMnumzana Ndzandzeka nokhokele iprojekthi yaseTyeni ewadi 12 uncome ngelithi ngoku bayakwazi nokugxotha ikati eziko ngalombona bawutyalelwa ngulomasipala nanjengoko bekwazi nokuwuthengisa benze imali. Uqhube ngelithi "ezolimo yeyonandlela engundoqo ukuphuhlisa ezoqoqosho kwanokuncedisa urhulumente ukuphucula iimpilo zabantu. Usincomile nesivuno abathe basifumana kulonyaka watsho esithi yanga loMasipala angangadinwa aqhubeke nokubatyalela lombona.

# Isebe lezempilo libhiyozele inyanga yamanina kwaNophoyi Thusong Centre

**Ngu Sivuyile Rosho**







Ngomhla wamashumi amabini anesithandathu kweyeThupha kulonyaka umiyo, iSebe lezeMpilo eMpuma Koloni ngokukhokhelwa ngumphathiswa uNomakhosazana Meth lithe latyelela iNophoyi Thusong Centre KwaBhaca ukuququmbela lenyanga yamanina.

Bekuyimincili kubahlali abaphuma kwaWadi 10, 12 kunye no 13 abangqonge leThusong Center kuba iinkonzo zonyango ziziswe ngqo kubo kunye noogqirha abangamashumi amabini anesithandathu (26) ekuquka kubo oogqirha bamehlo, abamathambo, abeendlebe, abamazinyo abajongene nocwangciso, oogqirha babantwana abaselula, aboluleko lwengqondo, oogqirha bezilwanyana ukanti bekukho noonontlalontle. Abathathi nxaxheba ebebezimase lomsebenzi bebequka uLove Life ojongene nezidingo zolutsha, iqumrhu elijongene nezolonyulo u-IEC, uSASSA kunye namaPolisa apho nabo bathe banikezela ngezabo iinkonzo.

"Silapha namhlanje ngokubhiyozela inyanga yamanina kuba sithe xa siqaphela sabona ukuba mininzi imiceli mingeni abajongene nayo ngokwasempilweni nasekuhlaleni ngokubanzi, yaye apha ezilalini akukho lula ukuya ezibhedlela kuba kukude ngoko ke silisebe sithe masizise iinkonzo ngqo ebantwini. Siyabakhuthaza ke ukuba bayikhathalele impilo yabo ngokundwendwela amaziko ezonyango kunye noogqirha, singabashiyanga ngasemva nabantu abangotata nabo siyabakhuthaza". Uphawule watsho umphathiswa wezeMpilo kweliphondo.

# Inikelwe ngokusesikweni ibhulorho yase Butsheni

Ngu Inga Nzuzo





Ibiyimivuyo nemincinili kubahlali base Butsheni Ngomhla weshumi elinanye kweyoMsintsi kulo nyaka umiyo. Umasipala Umzimvubu uyinikezele ngokusesikweni ibhulorho yaseButsheni kwa-ward 27 KwaBhaca. Lebhulorho iquka nendlela engu 3km, ebiqaliswe kulonyaka mali ophelileyo kwinyanga yoMsintsi 2022 yaze yagqitywa ukwakhiwa kunyaka ka 2023 kweye Khala. Abahlali balommandla abathe baxhamla ngokwemisebenzi balishumi elinesithandathu (16) ekuquka kubo ulutsha, ogomama kunye nooTata.

Obemele usodolophu uCeba Ntombizandile Garane ngethuba esothula intetho yakhe yosuku uthe uziva echulumance kakhulu ngolusuku xa kanti lomsebenzi uthe wagqitywa kwangethuba yaye nebhulorho iselungelweni lokuba isetyenziswe. Uncome intsebenziswano ibikhona phakathi kukanokhontilakha, abahlali kunye nabasebenzi ngethuba bekuqhutywa lomsebenzi. Lo ka Garane uqhubeke wabongoza abahlali ukuba bayiphathe kakuhle lebhulorho khona ukuze isetyenziswe nazizizukulwana ezizayo.

Ongumhlali wase Butsheni umama uNcapai oneminyaka engamashumi amathandathu anethoba (69) uthe wadlulisa amazwi ombulelo novuyo esithi, "siyabonga kakhulu kumasipala waseMzimvubu ngokusenza abantu nathi wasakhela ibhulorho, bekukade kubanzima ukuwela xa kuthe kwanetha iimvula ezinkulu ibholorho yethu ibingaweleki. Kodwa ngoku asizusokola kuzobalula nokuba siye ezidolophini singenaxhala lebhulorho engawelekiyo.

# Umasipala Umzivumbu uyinikezele ngokusesikweni Iholo yakwa Ward 07 EmaXesibeni

Ngu Inga Nzuzo





Namhlanje umhla weshumi elinesithathu, uMasipala wasekuhlaleni Umzimvubu uthe wanikezela ngokusesikweni ngeholo lasekuhlaleni iNtshakeni/Skhemane Community Hall kwa Ward 07 eMaxesibeni.

Le holo iqaliswe ukwakhiwa kunyaka ophelileyo ngenyanga yeNkanga yaza yagqitywa kwisithuba senyanga ezisibhozo. Lomsebenzi uthe waxabisa imali engange R2.5 million uthe wavelisa amathuba emisebenzi kubahlali baleWard abangamashumi amabini ekuquka kubo abantu abangoMama, abangotata kunye nolutsha.


Ngethuba esothula intetho yakhe uSodolophu uceba Zukiswa Ndevu uthe "Le Holo yasekuhlaleni esiyinikezela kuluntu namhlanje ime njengobungqina bokuzinikela kwethu ekwandiseni amaziko oluntu nokubonelela ngeendawo zendibano zokubambela iintlanganiso, imisitho yenkcubeko, kunye nemisebenzi eyahlukeneyo ekhuthaza ubambiswano nophuhliso loluntu. Ukanti akwanelanga apho le projekthi ibenefuthe elihle kwezoqoqosho kummandla wethu."

Abahlali babonakalise ukulithakazelela eli holo nanjengokuba bebefudula becela kwii cawe ezikule ward xa beneendibano. Ongumhlali kule lali umnumzana B. Mbulawa uthe ubulela kakhulu kumasipala waseMzimvubu ngokubokhela le holo kuba bazotsho babenendawo yokubambela iindibano kunye nezinye izinto ezifanele ukuqhutywelwa eholweni. Uqhubeke wabongoza abahlali ukuba bancedisane babeliliso bayigcine icocekile leholo ukuze ihlale ilungele ukusebenza.

**UPHUHLISO KUMNTU WONKE**

# Igqiza lase "Taiwan" lifake isandla ukuncedisa abafundi base Brooksnek High School

**Ngu Nomveliso Mzini**









Ngomhla weshumi elinesine kwinyanga yoMsintsi kulonyaka umiyo, Umasipala wasekuhlaleni Umzimvubu uthe watyelela isikolo iBrooksnek Senior Secondary School kwilali yase Lower Brooksnek kwa Ward 1 EmaXesibeni.

Injongo yolutyelelo bekukuyonikezela ngee 'Laptops' kunye nee "sanitary towels" ezisuka kwigqiza lase Taiwan.

Ngethuba esothula intetho yakhe Usodolophu uCeba Zukiswa Ndevu uthe "injongo yethu yokuba sibelapha namhlanje kukufuna ukubuyisa isidima sabantwana abangamantombazana kunye nokufuna ukuphuhlisa izakhono zabantwana ngobuxhaka-xhaka banamhlanje nalapho bazotsho bakwazi ukufana nabanye abantwana xabefika kwizinga lemfundo ephakamileyo".

Umama uNolitha Ntobongwana ongusihlalo wekomithi yemisebenzi kaRhulumente ukhuthaze abafundi ukuba bazimisele kwizifundo zabo nanjengoko bebenzile kunyaka ophelileyo kwaye bonyuse umyinge wokupasa, kwaye nabazali babeliliso kwizixhobo zokufunda zesisikolo.

Oyinqununu yesisikolo umama uNomawethu Ngqoko uthe unethemba lokuba ezi 'laptops' zizakubancedisa kakhulu ekufundiseni nasekufundeni kwbantwana besisikolo yaye nezinga leziphumo lizakwenyukela ngakumbi. Uye wabulela nangenkxaso kwigqiza lase Taiwan nangenxaxheba abathe bayidlala kubantwana babo abangamantombazana kuba uninzi lwabo ngabantwana abangathathi ntweni. Lo ka ngqoko ubhenele nakubazali bebekhona kunye nabahlali ukuba babeliliso kwizixhobo zokufunda zesikolo kuba imfundo yabantwana babo ixhomekeke kuzo.

# Umasipala Umzimvubu ubambe umsitho wokubhiyozela amagugu nezithethe Kwabhaca

**Ngu Sivuyile Rosho**







Ngomhla wamashumi amabini anesibini kwinyanga yoMsintsi kulonyaka umiyo umasipala Umzimvubu uthe wabamba umsitho wokubhiyozela usuku lwamagugu namasiko eSophia KwaBhaca.

Lomsitho uthe wazinyaswa ziinkokheli zemveli eziphuma kwiinqila zolithoba zalomasipala, iimvumi zomculo kaMasikhandi, amaqela omxhentso, oosomashishini abavelisa impahla nobuhlali besintu kunye nabahlali.

UNkosazana Nolukhanyo Makaula okhokhele inqila yaseLugangeni nokwalilungu lebhunga loMzimvubu ngethuba esothula intetho yakhe yosuku uphefumle wenjenje "ukubhiyozela olusuku yinto ekumele ukuba siyayiphila mihla le nasemakhayeni ethu ukuze nabantwana abasakhulayo bakhule beyazi imvelaphi yabo ngokubona nangokufundiswa sithi". Uqhubeke wakhuthaza iinkokheli ebezizimase lomsitho ukuba zisoloko zikhumbuza abo zibakhokheleyo ngokubaluleka kwamasiko nezithethe kwakunye nokuzazi".

OnguSomlomo kulomasipala uCeba Nkosomzi Nomnganga uthe uyabulela kuye wonke umntu othe waphuma wazoxhasa lomsitho omnandi kangaka enethemba lokuba kunyaka ozayo inani labukeli lizakonyuka. Lo kaNomnganga ukwabulele nenkxaso engummangaliso ebonakaliswe ziimvumi zalommandla esithi yanga izakhono zabo zingakhula baziwe nakwezinye iindawo ngoba bebonakalise ukuyithanda nokuyixabisa into abayenzayo. Ukanti uqhube wancoma ukubona abantu bebahle benxibe mbeje-mbeje iimpahla zesintu ngokufanelekileyo ngoba lonto ibonisa ukuhlonipha kwakunye nokuxabisa imvelaphi yabo.

"Siyabulela ngolusuku lwanamhlanje ngoba sitsho safunda lukhulu ngamasiko ohlukeneyo abantu baseMzimvubu nokubaluleka kokuzazi imvelaphi yakho. Yanga imisitho efana nale ingaqhubeka ibanjwe minyaka le. Enye into esiyibulelayo kakhulu kukubona iimvumi nabaxhentsi bethu ingabo abazokonwabisa le ngingin-ya ngaphandle kokuzisa usaziwayo waseGoli, yinto ezakubakhuthaza kakhulu leyo yaye ikhulise nezakhono zabo" utshilo umama uSibongile Tshabalala nobengakwazi ukuzibamba yimincili ngethuba amaqela etshila eqongeni.

# The Eastern Cape Development Cooperation (ECDC) donated equipment to two Co-operatives in EmaXesibeni

**Ngu Khanya Kalashe**







On the 21st of September 2023, the Eastern Cape Department of Economic Development, Environmental Affairs and Tourism, MEC Mlungisi Mvoko and Umzimvubu Mayor, Cllr Zukiswa Ndevu visited Ndzongiseni Village in Ward-05, EmaXesibeni.

The visit comes after two women led co-operatives in the area were supported with tools of trade. These include a water tank and a tractor valued at R1 million rand. The visit was to further encourage more co-operatives in the area to explore agricultural opportunities and investment.

The MECs visit to this area demonstrates the department's commitment of supporting local enterprises and initiatives that contribute to economic growth and the empowerment of women. The two co-operatives namely Nzokuhle Poultry Primary Co-operative Ltd and Sanelisiwe Agricultural Primary Cooperative are based at Ndzongiseni at EmaXesibeni (Umzimvubu Local Municipality) and are sharing the same water source and the road to their fields. Together they own above 30 hectares, situated on the banks of perennial Mzintlava river. Due to growing vandalism in the area, the two Co-operatives have agreed to use alternative safe means to source water by using a constructed water reservoir instead of tanks that are easily stolen. The Co-operatives are both family owned respectively and producing fresh produce for local, formal and informal markets.

According to Mr. Mlungisi Mvoko, the MEC for Economic Development, Environmental Affairs, and Tourism, they donated R1,100,000 to both cooperatives, with R600,000 going to the Nzokuhle co-operative for a tractor and accessories and R500,000.00 for a water reservoir fence and inputs. "We are here today because of these two Cooperatives that made applications to the Eastern Cape Development Corporation (ECDC) for assistance which is why we urge people to also apply to ECDC so that such donations will be possible, concluded Mr Mvoko.

"The promotion of entrepreneurship, innovation, enterprise growth and competitiveness is critical in growing the economy and creating jobs. What we did here today proves to be a significant achievement because it reflects a positive trajectory in terms of implementing the local economic development strategy", concluded Cllr Ndevu.

# TOLENI SENIOR SECONDARY SCHOOL RECIEVED UNLIMITED WI-FI





Toleni Senior Secondary School (SSS) is one of the first schools within Umzimvubu Local Municipality to have access to unlimited internet connection.

Toleni SSS is based in KwaShushu village around Dangwana under KwaBhaca. It is also a new school that opened few years ago.

Honourable Mayor Cllr. ZukiswaNdevu accompanied by her Executive Members went to hand over the wi-fi infrastructure that costed R1,5 million.

She encouraged all learners to effectively use the Wi-Fi for educational purposes and not to browse through pornography, dating apps and video games.

By reminding the learners on how useful the internet is the mayor also reminded grade 12 learners that exams will begin on the 30th of October 2023

The principal of the school, Mr Dumisani Mtwesi showed how grateful he is with the government plan and promises a significant increase of the grade 12 pass rate.

He said "The matric class average is gradually improving. Our matric class first achieved an average of 70% in the beginning of this year, thus improving by 8% during the second term resulting to 78%. It's pleasing to note that they have since attained 82% in hope of receiving 97% or more in the final term".

"We had a challenge in 2020 when our pass rate was only at 70%, but we certainly hope for much improved results.", concluded Mr Mtwesi

The District Director from the Department of Education, Mr MonwabisiMbangeni said he is honoured to see such commitment from a new school. Since the establishment of the school, we have witnessed a significant growth in numbers.

He said top achieving schools will also receive uniforms and laptops in the upcoming years to encourage students with the technology upgrade that will help them have more knowledge about the internet and job application.

The 4IR global development has assumed space in most commercial and public sector markets, that is why all learners should be exposed to the usage of technology and explore online opportunities.

A learner at the school, Zukiswa Majima, 17 said, "It is an honour for us to receive much improved Wi-Fi infrastructure development in the school because it was hard to get previous examination papers but now it will be much easier to gain access to it through this development" concluded an excited Majima.

The free to access WI-FI connection covers a 100-metre radius throughout the Toleni Village and will be regularly monitored by the Municipality.

UMZIMVUBU
LOCAL MUNICIPALITY

# UMZIMVUBU LOCAL MUNICIPALITY

## PUBLIC NOTICE

### EXCO IDP OUTREACH PROGRAMME FOR 2024/2025 FINANCIAL YEAR

Notice is hereby given in terms of **Section 16(1) & 17 (1) of the Municipal Systems Act of 2000 that Umzimvubu Local Municipality** will embark on an IDP Outreach Programme that will be commencing from the **24th - 27th October 2023** in all Umzimvubu Local Municipality wards.

All stakeholders: members of the Public, Business Formations, Government Institutions, Government Parastatals, Private Sector, Faith-based Organisations, Non-Profit organisations and Civil Society Organisations are hereby invited to partake in the outreach session.

**BELOW IS THE ATTACHED OUTREACH ITINERARY**

## ISAZISO NGENKQUBO YOHLAZIYO LWESICWANGCISO-NKQUBO SOPHUHLISO SONYAKAMALI KA 2024/2025

Esi saziso sikhutshwa ngokwesahluko **16(1) no 17 (1) somthetho iMunicipal Systems Act (32 of 2000),** okokuba **uMasipala** wase **Mzimvubu** uzakube uthe bhazalala ukuya eluntwini ngenjongo zokuhlaziya **isicwangciso-nkqubo sophuhliso sonyakamali ka 2023/2024.** Olu hlaziyo **luyakuqalisa ngomhla wamashumi amabini anesine ukuyokuma ngomhla wamashumi amabini anesixhenxe kwinyanga YeDwarha kulo umiyo unyaka kuzo zonke iWadi zalomaspala.**

Uluntu gabalala, Osomashishini, Amasebe karhulumente, Amaqumrhu karhulumente, Icandelo labucala, Amaqela enkolo, Amaqela angajonganga-nzuzo kunye namaqela asekuhlaleni ayamenywa kuthabatho-nxaxheba kwinkqubo zalomaspala.

**ISICWANGCISO-NKQUBO SIMI NGOLUHLOBO LUNGEZANTSI**

| DATE | WARD NO. | TEAM | WARD COUNCILLOR | VENUE | TIME | TEAM LEADER | CLLRS INVITED | OFFICIALS | CDW'S |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| Day 1 24th October 2023 | 1 | A | Cllr. M. Kiviet | Sonwabile Jojo Community Hall | 11H00 | Cllr. Nomnganga | Cllr. Ndema, Cllr. Magobane, Cllr. Lungu | Ms Qwane | B. Ndamse |
| | 2 | B | Cllr. N. Hlanekela | Lubaleko Community Hall | 11H00 | Cllr. L. Nkula | Cllr. Jona, Cllr. Sontsi, Cllr. N. Gogela | Mr Yakobi | O.Nqatsha |
| | 3 | C | Cllr.A. P. Mkhonto | Msukeni Community Hall | 11H00 | Cllr. Garane | Cllr. T Sincindi, Cllr. Noqhakala, Cllr. V. Nomnganga | Ms Mbono-Robert | NO CDW |
| | 4 | D | Cllr. Lindiswa Mapala-Bera | Sigidini Community Hall | 11H00 | Cllr. N. Mnyayiza | Cllr. Sobhayi, Cllr. Ngxabi, Cllr. Ntsalaze | Mr Luzipho | NO CDW |
| | 6 | E | Cllr. V. Gogela | Mbumbazi Community Hall | 11H00 | Cllr. Ngonyolo | Cllr. Kakaza, Cllr. Madyibhi, Cllr M. Hlanekela | Mr Makanda | NO CDW |
| | 7 | F | Cllr. N. Xolo | Mombeni Community Hall | 11H00 | Cllr. Nodali | Cllr. M Sonyabashe, Cllr Thingathinga, Cllr. Sokhanyile | Mr Jojo | NO CDW |
| | 26 | G | Cllr. Tuku | Zwelijikile Community Hall | 11H00 | Hon Cllr. Ndevu | Cllr. Magujulwa, Cllr. Jwarha, Cllr. Ntshobane | Mr Nyembezi | Ms Mngweba |
| Day 3 25th October 2023 | 8 | A | Cllr. Des Ndema | Sugarbush Community Hall | 11H00 | Cllr. Nkula | Cllr. Kiviet, Cllr. Mkonto, Cllr. B.T. Ngqasa Cllr. B. Khehla-Salukazana | Mr Ngejane | NO CDW |
| | 9 | B | Cllr. A. Jakuja | Saphukanduku Community Hall | 11H00 | Cllr. Ngonyolo | Cllr. Gwentshu, Cllr. Magujulwa, Cllr N. Sonyabashi | Mr Ngxekana | NO CDW |
| | 10 | C | Cllr. W.Nqakwana | Ntsimangweni Community Hall | 11H00 | Cllr. Jona | Cllr. Mathebe, Cllr Ntwakumba, Cllr Ngwaqa | Mr Masinyane | V. Ngondwana |
| | 11 | D | Cllr. N. Gogela | Rhode Community Hall | 11H00 | Cllr. Mataka | Cllr. Giwu, Cllr. Nogada | Ms Mbono-Robert | NO CDW |
| | 12 | E | Cllr. P. Magujulwa | Nophoyi Community Hall | 11H00 | Cllr. Mnyaiza | Cllr. Ngwaqa, Cllr. Kakaza, Cllr. Ntsalaze | Mr Jojo | N. Siswana |
| | 13 | F | Cllr. C.L. Noqhakala | Ntlabeni Community Hall | 11H00 | Cllr. Sokanyile | Cllr. Nomnganga, Cllr. Sontsi Cllr. Lungu | Ms Qwane | T. Faye-Msuthu |
| | 28 | G | Cllr. L. Mveku | EmaXesibeni Town Hall | 17H00 | Cllr Ndevu | Cllr N. Nomnganga, Cllr Ngonyolo, Cllr Garane, Cllr Jona, Cllr Sokhanyile, Cllr Nodali, Cllr Nkula, Cllr Mdzinwa, Cllr Mnyayiza, Cllr Magobane | Mr Nota, Dr Tshazi, Mrs Zembe SM: Infra & Planning, SM: BTO, SM: LED, Mr Mbusi, Mrs. Ngcongca-Madotyeni, Mr Gous & Mr Matshoba | NO CDW |
| Day 3 26th October 2023 | 14 | A | Cllr. S. Mathebe | Huku Community Hall | 11H00 | Cllr. Nodali | Cllr. Sobhayi, Cllr. Jonase, Cllr Thingathinga | Mr Ntlamba | A. Langa |
| | 15 | B | Cllr. M.Ngwaqa | Lugangeni Community Hall | 11H00 | Cllr. Ngonyolo | Cllr. Nomnganga, Cllr. Magujulwa, Cllr. Madyibhi | Ms Ndongeni | N. Mbebe-Jacisa |
| | 16 | C | Cllr. B. Khehla-Salukazana | Moyeni Community Hall | 11H00 | Cllr. Jona | Cllr. Faye, Cllr. Magobane, Cllr. Jonase | Ms Nenemba | N. Hlaziya |
| | 17 | D | Cllr. N. Jwara | Nqantosi Primary School | 11H00 | Cllr. Mdzinwa | Cllr. N.Sonyabashi, Cllr. Mapala, Cllr. Ntshobane | Mr Masinyane | S. Ntondini |
| | 18 | E | Cllr. T. Sincindi | Sophia Park | 17H00 | Cllr. Ndevu | Cllr N. Nomnganga, Cllr Ngonyolo, Cllr Jona, Cllr Sokhanyile, Cllr Mdzinwa, Cllr Nodali, Cllr Nkula, Cllr Mataka, Cllr Garane, Cllr Mnyayiza, Cllr Magobane | Mr Nota, Dr Tshazi, Mrs Zembe SM: Infra & Planning, SM: BTO, SM: LED, Mr Mbusi, Mrs Ngcongca-Madotyeni,. Mr Gous & Mr Matshoba | T. Faye |
| | 19 | F | Cllr. V.B. Sobhayi | Semeni | 11H00 | Cllr. Garane | Cllr. Sincindi, Cllr. N. Sonyabashe & Cllr. Sontsi | Mr Maqalekana | NO CDW |
| | 20 | G | Cllr. X. Lungu | Ngxabaxa JSS | 11H00 | Cllr. Sokhanyile | Cllr. Giwu, Cllr. Nogada | Mr Ngejane | T. Matshoba |
| Day 4 27th October 2023 | 5 | A | Cllr. Thobilizwe Ngxabi | Sirhoqobeni Community Hall | 11H00 | Cllr. Mdzinwa | Cllr. Mveku, Cllr Ntshobane, Cllr. V.P Gogela | Ms Majova | M. Zungula |
| | 21 | B | Cllr. N. Nomnganga | Toleni Kwa Hala Community Hall | 11H00 | Cllr. Garane | Cllr. Mkhonto, Cllr Mampevini, Cllr Gwentshu | Mr Yakobi | NO CDW |
| | 22 | C | Cllr. M. Kakaza | Lusizini Community Hall | 11H00 | Cllr. Nkula | Cllr. Ngwaqa, Cllr Nqakwana, Cllr B.T. Ngqasa | Mr Kalashe | NO CDW |
| | 23 | D | Cllr. Z. Mampemvini | Cancele Primary School | 11H00 | Cllr. Mataka | Cllr. Jwarha, Cllr. Ntsalaze, Cllr. N.Nomnganga | Mr Masinyane | Z. Mandla |
| | 24 | E | Cllr. M. Jonase | Luyengweni Community Hall | 11H00 | Cllr. Mnyayiza | Cllr. Mdingi, Cllr. Mathebe, Cllr. Thingathinga | Ms Qwane | NO CDW |
| | 25 | F | Cllr. N.Giwu | Osborn Community Hall | 11H00 | Cllr. Jona | Cllr. Jakuja, Cllr. N. Hlanekela, Cllr. Ntsalaze | Mr Makanda | N. Mbuli |
| | 27 | G | Cllr. S.Faye | Mpendla Community Hall | 11H00 | Cllr. Nodali | Cllr. Lungu | Mr Ntlamba | B. Gubelana- Mngambi |

**MR. G. P. T. NOTA**
**MUNICIPAL MANAGER**